

OTHANDEKAYO UFLATTY NABAXHAPHAZI ABAKHULU.

Umbhali: Edith Kriel no Else Rohrs
Umzobi: Jurita Burger
Intsohlo: Ukuxhaphazeka nokuxhatshazwa

Kwakukho imbiza ezininzi ezazinomohluko ngenkangeleko ezazingqonge iziko – ezinkulu, ezincinci,iimbiza ezazohluke ngokumila nokulingana.

Imbiza nganye yayinomsebenzi wayo, ezinye zazibilisa amanzi emlilweni: ezinye zazipheka umgubo wombona :Enye yayipheka inyama. Eyona yayinkulu ingqukuva inemilenze emithathu eyayibizwa ukuba ngu Belly kuba yayifana(khangeleka) njengesisu esingqukuva.

UBelly wayesetyenziswa kwimibhiyozo eyayibalulekile ukuze kuphekwe ngayo inyama eninzi – eninzi.

Eyona mbiza incinane yayisetyenziswa ekuphekeni imifuno ehambelana nenyama.

Leyo yayisibaca ibizwa uFlatty.

Kwakusasa ngelinye ilanga iimbiza zahlanjwa zonke zakhutshelwa ngaphandle elangeni ukuze zome,

Babahleli ngaphandle bencokola behleka beqhulana.

Babegcobile benemincili (Bevuya) kuba kwakuzakubakho umbhiyozo (Pati) ngabo obo busuku kwaye ingulowo uzakwenza umsebenzi wakhe obalulekileyo.

UBelly waqala wagezela uFlatty njengesiqhelo, wathi "Wawukufumanaphi oku kumila kungabukelelekiyo kunje? Ucudisekile nangaphezu kwe panekuku (pancake) .

Ukhangeleka njengogulayo nyhani! UFlatty wayelungile engayithethi into esileyo nakubanina.

Ngelixesha uBelly wayemgezela wathula wajonga phantsi kwangathi angakwenye nje indawo ekude.

Ekuqaleni ezinye iimbiza ezisibaca zazama ukumhlangula (Mthethelela) uFlatty.

Zazikhwaza uBelly zisithi "UFlatty akananto uphilile uyakwazi ukuma uyimbiza eyomeleleyo hlukana naye (Myeke)" Kodwa babemoyika uBelly wayengumxhaphazi omkhulu,

Baye bathula emveni kokuba uBelly ebabuze umbuzo esithi,"Nicinga ukuba nithetha nabani? Lumkani ndakunicubha (nicinezela) nibe scabha nangaphezulu ko Flatty".

UBelly waqhubeka nokugezela uFlatty imini yonke.

Wayesithi izinto ezifana, "Scaba Scaba Flatty uhleli phantsi emetini phezu kwe kati naphezu kwempuku – sidenge sescaba scaba sika Flatty." Ezinye iimbiza ezazitshomi zika Flatty zaqalisa nazo ukumgezela uFlatty. UFlatty waziva ekhathazeke kakhulu kakhulu.

Wayethule ezibuza imibuzo emininzi: "Kutheni uBelly nezinye iimbiza zindigezela mna? (rongo) Ndiqinisekile ukuba banomona ngam.

Yintoni le ingaka ndabakhathaza ngayo? Ingaba boyika ukuba uzakubajikela ukuba abandigezeli?

Ingaba bacinga ukuba kumnandi okanye kulungile ukugeza?

Loonto indenza ndizive kakubi kwaye andazi ukuba ndingenza ntoni ukubanqanda.

"Oku kugezeleka kuqhubeke kwaqhubeka kwaqhubeka.

UFlatty wayengasafuni ukudibana nezinye iimbiza endaweni yomlilo,uziva engakhululekanga.

Emva kwemini umpheki waphuma ezokuqalisa ukuphekela itheko (Party).

Wayengayazi ukuba ezinye iimbiza ziyamgezela uFlatty wayecinga bahleli kamnandi ndawonye

bonke ngokuvana.



Ngelixa umpheki esondeza uBelly emlilweni, uBelly uye wakhaba uFlatty kakhulu ngaloomilenze yakhe yentsimbi "Shuu! kodwa kubuhlungu", wakhonya uFlatty,kodwa uBelly wancuma ngoloncumo lokugeza.

UFlatty wanesivongqo ecaleni ngenxa yoko kukhatywa - ibuhlungu nyhani.

Kodwa ibuhlungu ngakumbi xa abanye begigitheka behleka bethetha izinto ezimbi ngaye.

Ukukhatywa kubuhlungu ngaphandle kodwa amagama asileyo asika entliziyhweni.

Kwakukho inqwaba (ezininzi) yenkuni ecaleni kwendawo yomlilo. Ikhuni elikhulu laye layibona lento iqhubekayo.

Lathi ku Flatty: "Molo ndoda enamandla ehlakaniphileyo,Ndiyavuya ukuhlangana nawe ekugqibeleni!"

UFlatty wabheka ejonga ukuba ngubani lo uthethayo.Akubona ukuba likhuni wathi,"Ingaba uthetha nabani? Ndim ndodwa apha kwaye ndiqinisekile ukuba andinamandla kwaye andihlakaniphanga!"

Ikhuni lahleka kakhulu lathi, " Awuboni u Belly uligwala ? uligwala elingenasizi akanabo ubuntu,Kodwa kuthatha ubugorha obuyinyhani ukungahlukumezi!"

UFlatty wajonga ku khuni ."Uum! kungaphezulu ukulunga kwakho Mnumzana ukhuni,kodwa kwelam icala kubuhlungu kakhulu ngoku ,kangangokuba andiziva ndinamandla konke konke ."

Ukhuni watsho ngelizwi elimyoli (elimnandi) " Ndiyaqonda okokuba uhlupheke ngaphakathi nangaphandle, Flatty. Kungenxa yokuba uBelly nezinye iimbiza bazama ukuvisa iintlungu (ukubetha).

Kona kuyinto engaqhelekanga kodwa uninzi lwembiza zivisana ubuhlungu kanye ngalendlela zoyika ngayo ukuviswa ubuhlungu.

UFlatty wajonga ku khuni kwakhona, "Uum,Mnumzana ukhuni mhlawumbi kulungile.

Ndicela undixelele ukuba ndingenza ntoni ukunqanda abanye bangandenzi ubuhlungu?

Ukhuni watsho ngelizwi lokuhlakanipha, " Flatty, hlala uzikhumbuza ukuba oko bakutshoyo ngawe akuyonyhani. Chitha ixesha lakho nabantu ababona okulungileyo kuwe.

Kwaye jonga uBelly Phakathi emehlweni uze uthi, Belly, ligwala lodwa umntu ohlukumeza ezinye iimbiza ngamazwi nangokukhaba. Ukuba ufuna ukuhlakanipha nokuba namandla, sebenzisa Amandla ukwenza okulungileyo !"

UFlatty wacinga ngayo yonke lento kwakuphunywa emphekweni.

Umpheki wajonga ukutya okwakuphekwa nguFlatty wathetha wathi: " Mbizana encinane esibaca ,usoloko usenza umsebenzi wakho ngocoselelo kwaye upheka ukutya ngendlela elungileyo.

Ndingasoloko ndithembele kuwe.Enkosi." UFlatty wancuma.

Wayeziva enemincili (evuya) ngaphakathi .Wayezazi okokuba usebenze kakuhle.